




## Libraries support literacy

South Africa is celebrating National Book Week from 2 to 8 September 2019 and, together with the rest of the world, commemorates International Literacy Day on 8 September.

Libraries have a very important role to play in supporting literacy. Are you a librarian who wants to share the power of stories and reading with children? Are you looking for ways to get children to visit the library regularly? Here are some ideas that other librarians shared with us that will help you do this.



## Amathala eencwadi axhasa ilitheresi

UMzantsi Afrika ubhiyozela iVeki yeSizwe yeeNcwadi ukususela kumhla wesi-2 ukuya kowesi-8 kweyoMsintsi ngowama-2019, futhi kwakunye nehlabathi liphelele, ukhumbula uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe ngomhla wesi-8 kweyoMsintsi.

Amathala eencwadi anendima ebaluleke kakhulu ekuxhaseni ilitheresi. Ingaba ungusothala ofuna ukuthetha nabanye ngamandla amabali nangokufunda nabantwana? Ingaba ufuna iindlela zokwenza ukuba abantwana bandwendwele ithala leencwadi rhoqo? Nazi ezinye izimvo abakhe babelana nathi ngazo oosothala abathile eziya kukunceda ukuba ukwenze oku.

### HOSTING SPECIAL EVENTS

- ★ **New members** Use National Book Week to encourage children and reading clubs to sign up as members of the library. Run special events at your library that will attract new members and show everyone what libraries have to offer.
- ★ **Treasure hunt** Help children become familiar with your library by inviting them to join in a "treasure hunt". Hide small items in different parts of the library, then write clues that will help the children find the items. For example: "You will find this treasure on the shelf where the books about wild animals are." Let the children work in pairs to find the items.
- ★ **Holiday activities** Offer a school holiday programme at your library where children are able to listen to stories, act them out, write their own stories and do fun craft activities like card- and puppet-making.

### UKUSINGATHA IMISITHO ENOMDLA

- ★ **Amalungu amatsha** Sebenzisa iVeki yeSizwe yeeNcwadi ukukhuthaza abantwana kunye neeklabhu zokufunda ukuba zibhalisele ubulungu kumathala eencwadi. Yenza imisitho enomdla kwiithala leencwadi lakho neyakuthi itsale amalungu amatsha kwaye ibonise wonke ubani ukuba amathala eencwadi anikezela ngantoni na.
- ★ **Ukuzingela ubutyebi** Nceda abantwana baqhelane nethala leencwadi lakho ngokubamema ukuba bazibandakanye "ekuzingeleni ubutyebi". Fihla izinto ezincinane kwiindawo ezohlukileyo zethala leencwadi, uze ubhale iimpawu zemikhondo eziza kubanceda bafumane ezo zinto. Umzekelo, ungathi: "Obu butyebi uza kubufumana kwishelufa eneencwadi ezingezilwanyana zasendle." Bavumele abantwana basebenze ngababini ukukhangela izinto ezo zifihlakeleyo.
- ★ **Imisetyenzana nemidlalwana yexesha leeholide** Nikezela ngenqubo yeeholide zesikolo kwiithala leencwadi lakho apho abantwana bakwaziyo ukuphulaphula amabali, bawenze imidlalo yeqonga, babhale nawabo amabali ze benze nemisetyenzana yezandla yokuzonwabisa efana nokwenza amakhadi kunye neepapethi.

### INTRODUCING BOOKS TO CHILDREN

- ☆ **Time for tots** Set aside a special library time each week for 0 to 2 year olds and their caregivers. Spend time sharing children's songs and rhymes together. Then provide board books and other books for babies for them to read together.
- ☆ **Story time** Offer a story half-hour for young children once or twice a week where you read aloud from different picture books in the library. Remember to display these afterwards so that children can look at them on their own. Have paper and crayons available so they can draw pictures inspired by the stories after you have read them.

### UKWAZISA ABANTWANA NGEENCWADI

- ☆ **Ixesha leentsana nabantwana abasabhadazayo** Bekela bucala ixesha lethala leencwadi veki nganye kwababudala busukela kwiminyaka ephakathi kwe-0 ukuya kwemi-2 neempelesi zabo. Sebenzisani eli xesha nisabelana ngeengoma kunye nezicengcelezo zabantwana. Emva koko ke banike iincwadi ezenziwe ngekhadibhodi kunye nezinye iincwadi zeentsana ukuze bazifunde kunye.
- ☆ **Ixesha lebali** Yiba nesiqingatha seyure sofundo lwebali apho ufundela ngokuvakalayo abantwana abancinane kanye okanye kabini ngeveki iincwadi zemifanekiso ezohlukileyo kwiithala leencwadi. Khumbula ukubonisa ngezi ncwadi emva kokuzifunda ukuze abantwana bakwazi ukuzibuka xa bebedwa. Makubekho amaphepha neekhrayoni ukuze bakwazi ukuzoba imifanekiso evuselelwe ngaloo mabali uthe wabafundela wona.

## Visit your library!

To celebrate International Literacy Day on 8 September 2019, Nal'ibali is shining the spotlight on libraries! We're helping to make sure that you and your children can enjoy hours of reading pleasure at your local library. To find out more about our library drive, go to the Nal'ibali website – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



## Tyelela ithala leencwadi lakho!

Ukubhiyozela uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe ngomhla wesi-8 kweyoMsintsi ngowama-2019, uNal'ibali ukhanyisa isibane kumathala eencwadi! Sincedisela ekubeni siqinisekise ukuba wena nabantwana bakho ninako ukonwabela iiyure zoyolo lokufunda kwiithala leencwadi lendawo yakho. Fumana iinkcukacha ezithe vetshe malunga nelinga lethu lamathala eencwadi, kwiwebhusayithi kaNal'ibali – [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



Drive your  
imagination




IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.

## Celebrate literacy!

Each year on 8 September the world celebrates International Literacy Day. On this day, we recommit ourselves to working towards making illiteracy a thing of the past, in South Africa and across the world.

Here are some activity suggestions to help your reading club celebrate International Literacy Day.



## Bhiyozela ilitheresi!

Ngonyaka ngamnye ngowe-8 kweyoMsintsi ihlabathi libhiyozela uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe. Ngolu suku, sizinikela ngokutsha kwimigudu yokwenza ukuba ukungakwazi ukufunda nokubhala kube yinto yexesha elidlulileyo, eMzantsi Afrika nasehlabathini ngokubanzi.

Nanga amanye amacebiso malunga nemisetyenzana anokunceda iklabhu yakho yokufunda ngokubhiyozela uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe.

**Hold story elections** On a table or the floor, display about ten different cut-out-and-keep books from the Nal'ibali Supplement, that you have read to the children recently. Next to each book, place an empty container, for example, a peanut butter jar, margarine tub or box. Give each child a small piece of paper which will be their voting slip and ask them to write their name on it. Ask the children to place their voting slip in the container next to the story that they most enjoyed. Together, add up the votes for each book to see which story they loved the most – and then let us know by emailing [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org). (Please put FOR THE NAL'IBALI SUPPLEMENT in the subject line.) Don't forget to include your children's names or the name of your reading club so that we can include this information in the supplement.

**Qhuba unyulo lwamabali** Etafileni bonisa malunga neshumi leencwadana onokuzisika-ze-uzigcine ezahluka-hlukileyo ezivela kuHlelo lukaNal'ibali, okhe wazifundela abantwana kutshanje. Ecaleni kwencwadi nganye, beka isikhongozelo esingenanto, umzekelo, ibhotile yebhotolo yamandongomane, isitya semajarini okanye ibhokisi. Nika umntwana ngamnye iphetshana eliza kuba sisiliphu sokuvota uze ubacele ukuba babhale amagama abo kulo. Cela abantwana ukuba babeke isiliphu sabo sokuvota kwisikhongozelo esisecaleni kwelona bali balithandayo. Nikunye, dibanisi iivoti zencwadi nganye ukuze nibone ukuba leliphii ibali elilelona balithande kakhulu – uze usazise ngokuthumela i-imeyili ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org). (Nceda ubhale FOR THE NAL'IBALI SUPPLEMENT emgceni wesihloko.) Uze ungalibali ukufaka amagama abantwana bakho okanye igama leklabhu yakho yokufunda ukuze ezi nkukacha sizifake kuhlelo.

**Spread the message** Help others learn about the pleasure of reading by arranging a reading club session in a safe, but busy public space over the weekend, such as a local shopping centre, supermarket or library. Ask the parents/caregivers of some of the club members to help out on the day. Invite children passing by to join the usual club members, and have fun reading.



**Sasaza umyalezo** Nceda abanye ukuba bazi ngokufundela ukuzonwabisa ngokulungiselela ithuba leklabhu yokufunda kwindawo ekhuselekileyo, kodwa eyindawo ephithizelayo yoluntu ngempelaveki, efana nesicuko seevenkile kwindawo yakho, kubhazabhaza wevenkile okanye kwithala leencwadi. Cela abazali/abagcini abathile bamalungu eeklabbhu ukuba bancedise emini. Mema abantwana abadlulayo ukuba bajoyine amalungu eklabbhu yesiqhelo, bonwabele ukufunda.

**Make story videos** Let the children decide whether they want to read, tell or act out a short story on their own or in groups. Use a cellphone to record them as they do this. Then play it back to them so they can enjoy watching themselves! (If there are a lot of children at your club, then ask a few groups to perform at the same time and film a part of each of their performances.)

**Yenza iividiyo zamabali** Yithi abantwana mabenze isigqibo sokuba ingaba bafuna ukufunda, ukubalisa okanye ukudlala ibali elifutshane umntu eyedwa na okanye ngokwamaqela. Sebenzisa iselifowuni yokubarekhoda xa besenza oku. Emva koko badlalele yona ukuze bonwabele ukuzibukela! (Ukuba baninzi abantwana eklabhini yakho, cela amaqela ambalwa ukuba abe semdlalweni ngaxeshanye uze uthathe imifanekiso yenxalenye yomdlalo ngamnye emidlalweni yabo.)



**Design posters** Ask the children to think about the ways in which reading and writing make a difference in their lives. Then ask them to write a slogan about literacy and to draw pictures that go with it. (A slogan is a few words that together communicate a message about something, for example: Literacy makes you a leader.) Display the finished posters at your reading club to help you create a print-rich environment for the children.



**Yila iipowusta** Cela abantwana ukuba bacinge ngeendlela ukufunda nokubhala okwenza umahluko ngazo ebomini babo. Bacele ukuba babhale isilogeni esibonisa umxholo ngelitheresi nangokuzoba imifanekiso ehambelana naso. (Isilogeni ngamazwi ambalwa ahamba kunye aqulethe umyalezo ngokuthile, umzekelo: Ukufunda nokubhala kukwenza inkokeli.) Bonisa iipowusta ezigqityiweyo kwiklabhu yakho yokufunda ukunceda ukuba uyile ubume bendawo echume kokubhaliweyo ukwenzela abantwana.

**WIN! WINA!**

**book dash**

For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Let's have an inside day* (pages 7 to 10), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.


Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali elithi, *Masibe nosuku lwangaphakathi* (kwiphepha lesi-7 ukuya kwele-10), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zozhagamshelwano.

## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *The library* (pages 5, 6, 11 and 12), *Let's have an inside day* (pages 7 to 10) and *We have to go!* (pages 13 and 15).

### The library

- Read the title of the book. Then flip through the book and look at the pictures. Now you're ready to start again at the beginning and to tell the story from the pictures. You can tell the story on your own or with a friend. Use the pictures to guide you.
- Write down the story you have told. Use separate strips of paper for the words that go with each of the pictures. Glue your words to the book's pages and enjoy reading the story!
- How many different stories can you tell using the same pictures? Try it out!



### Let's have an inside day

Look at the list below of some of the things the children in the story enjoy doing when they spend a day indoors.

- ★ Circle those that sound like fun to you.
- ★ Add some of your own favourite things to do indoors.
- ★ Compare the ways you like spending time indoors with a friend's.

- Eat pancakes with syrup and berries.
- Jump on the bed.
- Dress up and then take photos.
- Play card games or board games.
- Play hide-and-seek.
- Run around and scream.
- Dance and sing.
- Tell stories.

.....

.....

.....

.....



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNa'ibali: *Ithala leencwadi* (iphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12), *Masibe nosuku lwangaphakathi* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi *Kufuneka sihambe ngoku!* (iphepha le-14 nele-15).

### Ithala leencwadi

- Funda isihloko sencwadi. Emva koko tyhila amaphepha encwadi ubuke imifanekiso. Ngoku ukulungele ukuphinda uqale ekuqaleni kwanokubalisa ibali elithethwa yimifanekiso. Unako ukubalisa ibali uwedwa okanye nomhlobo. Sebenzisa imifanekiso njengesikhokelo sakho.
- Bhala phantsi ibali olibalisileyo. Sebenzisa imicu yephepha malunga namagama ahambelana nomfanekiso ngamnye. Namathelisa amagama akho emaphepheni encwadi uze wonwabele ukufunda ibali!
- Mangaphi amabali ahluka-hlukileyo onokuwabalisa ngokusebenzisa imifanekiso efanayo? Yizame!

### Masibe nosuku lwangaphakathi

Jonga uludwe olungezantsi lwezinto ezithile ebalini abantwana abonwabela ukuzenza xa bechitha usuku ngaphakathi kwamasango.

- ★ Biyela ngesangqa ezo zivakala ngathi lulonwabo kuwe.
- ★ Fakela ezinye izinto wena othanda ukuzenza xa ungaphakathi kwamasango.
- ★ Thelekisa iindlela othanda ukuchitha ngazo ixesha nezomhlobo xa ningaphakathi kwamasango.

- Yitya iipanikeyiki ngesiraphu namaqunube.
- Xhumela phezu kwebhedi.
- Homba uze uthathe iifoto.
- Dlala imidlalo yamakhadi okanye imidlalo yeebhodi.
- Dlala undize.
- Baleka ukhala ngokutswina.
- Xhentsa futhi ucula.
- Balisa amabali.

.....


.....

.....

.....

### We have to go!

- ★ Make your own book, just like Neo did in the story. Decide who you would like to give your book to – or keep it so that you can read it again and again!
- ★ Read some books written and/or illustrated by Joan Rankin. You can also find books that she illustrated in past supplements on our website: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Look for editions 16, 19, 33, 37, 52, 60, 76, 91, 102, 104, 136 and 156! Which one is your favourite?



### Kufuneka sihambe ngoku!

- ★ Yenza incwadi yakho, ngendlela enze ngayo uNeo ebalini. Yenza isigqibo sokuba unqwenela ukuyinika bani incwadi yakho – okanye uyigcine ukuze uyifunde ngokuyiphinda-phinda!
- ★ Funda iincwadi ezithile ezibhalwe kunye/okanye ezizotywe nguJoan Rankin. Kwakhona unako ukufumana iincwadi azizobe kwizihlandlo ezidlulileyo zohlelo kwivebhusayithi yethu: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org). Khangela upapasho lwe-16, lwe-19, lwama-33, lwama-37, lwama-52, lwama-60, lwama-76, lwama-91, lwe-102, lwe-104, lwe-136 nolwe-156! Loluphi olona uluthanda kakhulu?

## Nal'ibali news

On 3 June 2019, at an international conference for library professionals, Next Library, which was held in Aarhus, Denmark, Nal'ibali won the Systematic Joy of Reading Award! This international award recognises projects that encourage citizens to read. It is funded by the Danish software company, Systematic and is awarded by an international jury.

"The ability to read is a door-opener to a wealth of opportunities in life, and it is important that children are told stories and learn to reflect on the stories they are presented with, right from a very young age. Nal'ibali is a very fine example of a reading project with just this kind of focus," explains Michael Holm, CEO of Systematic.

Nal'ibali competed with 28 other organisations from around the world and was selected as the winner for "its work with fundamentally transforming the culture of reading in South Africa".

Nal'ibali's Managing Director, Jade Jacobsohn, was in Denmark to receive the award from the president of the International Federation of Library Associations and Institutions (IFLA), Glòria Pérez-Salmerón from Spain.

Jade Jacobsohn dedicated the award to everyone who works at Nal'ibali as well as to Nal'ibali's 17 000 FUNda Leaders. "These literacy activists are ordinary people who have signed up with Nal'ibali to create opportunities for the children in their lives to fall in love with books," Jacobsohn explained.

Nal'ibali will use the prize money to spread the joy of reading by buying books for its new Story Power in Motion mobile library project.

## Iindaba zakwaNal'ibali

Ngomhla wesi-3 kweyeSilimela ngowama-2019, kwinkomfa yehlabathi yoosothala, iNext Library, eyayibanjelwe eAarhus, eDenmark, uNal'ibali waphumelela iSystematic Joy of Reading Award! Eli bhaso liphawula iiprojekthi ezikhuthaza abemi ukuba bafunde. Lifumana inkxaso yemali kwiqumrhu leenkqubo zekhomyutha laseDenmark, iSystematic nenikelwa yijuri yehlabathi.

"Isakhono sokufunda sisitshixo sokuvula iingcango ezikhokelela kumathuba obutyebi ebomini, kwaye kubalulekile ukuba abantwana babaliselwe amabali ukuze bafunde ukuzibuka emabalini abahlangana nawo, ukususela besebancinane kakhulu. UNal'ibali ngumzekelo omhle kakhulu weprojekthi yokufunda futhi egxininisa kuko ngenene," uchaze watsho uMichael Holm, iCEO yeSystematic.

UNal'ibali ukhuphisene neminye imibutho engama-28 ebivela kulo lonke ihlabathi waza wakhethwa njengogqwesileyo ngenxa "yomsebenzi wakhe osisiseko sokuphucula inkcubeko yokufunda eMzantsi Afrika".

UManaging Director, kaNal'ibali uJade Jacobsohn, ebeseDenmark eyokwamkela ibhaso kumongameli weInternational Federation of Library Associations and Institutions (IFLA), uGlòria Pérez-Salmerón waseSpain.

UJade Jacobsohn unikele ibhaso kuye wonke umntu osebenza kwaNal'ibali nakwiIFUNda Leaders ezingama-17 000 zakwaNal'ibali. "La matshantliziyo okufunda nokubhala ngabantu abafana nomntu wonke abazinikele emsebenzini kaNal'ibali ukuze badale amathuba okuba abantwana babe nothando olushushu lweencwadi ebomini babo," uchaze watsho uJacobsohn.

UNal'ibali uya kulisebenzisa ibhaso lemali ekwandiseni uvuyo lokufunda ngokuthenga iincwadi zeprojekthi yethala leencwadi eliqhutywa endleleni leStory Power in Motion.





Jade Jacobsohn with jury members, Marian Morgan-Bindon (IFLA, Australia), Kirsten Boelt (IFLA, Denmark) and Martin Brøchner-Mortensen (Systematic, Denmark).

UJade Jacobsohn enamalungu akhetha abagqwesileyo, uMarian Morgan-Bindon (IFLA, waseAustralia), uKirsten Boelt (IFLA, waseDenmark) noMartin Brøchner-Mortensen (Systematic, waseDenmark).



### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



## COLLABORATE

COMMUNITY PROJECTS

*Library* was created as part of the Dithakga tša Gobala project (2017). The aim of the project was to create wordless picture books based on stories sourced from parents and children in the Mamelodi community in Pretoria, South Africa. Wordless picture books allow readers to use the illustrations to create a story in a language of their choice. In this way, the project hopes to foster a love of books, reading and storytelling regardless of literacy levels, language preference and age.

[www.collaboratecommunityprojects.org](http://www.collaboratecommunityprojects.org)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)






Drive your  
imagination

## Ithala leencwadi

### The library



*Olga Tholo  
Tlotliso Tholo  
Lucinda Jordaan*





but whisper when we  
pass Mama's room.  
kodwa sisebeze xa sidlula  
ngasegumbini likaMama.



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



# Let's have an inside day Masibe nosuku lwangaphakathi




*Alicia van Zyl  
Lerato Mbangeni  
Rendani Nemakhavhani*

Well run  
and scream,  
Siza kubaleka  
sitswini,




We'll hide  
and seek.  
Siza kudlala  
undize.

Let's have a dancing and  
singing day.  
Masibe nosuku  
lokuxhentsa nokucula.



Let's have an inside day!  
Masibe nosuku lwangaphakathi!




... because an inside day  
is a busy day.  
... kuba usuku lwangaphakathi  
lusuku lokuxakeka.

Usuku lwezisu ezinyumbazayo  
nokutya itshungama.

A tickle tummies and  
eat gummies day.



Let's have an inside games day.  
Masibe nosuku lwemidlalo  
yangaphakathi.




A pancake, syrup and  
berries day.

Usuku lwepanikeyiki,  
isiraphu namaqunube.






A dress up like Dad and  
take pictures day.  
Usuku lokuhomba njengo Tata  
nokuthatha ifoto.





A jump on the bed and  
twirl day.  
Usuku lokuxhumela phezu  
kwebhedi nokujikeleza.



Let's get snugly and tell  
stories, then fall asleep  
and get snoring ...  
Masihlale ngokhuseleko  
sibalise amabali, sozele  
silale sirhone ...









## We have to go!

By Helen Brain ■ Illustrations by Rico



It was Tuesday and there was no school. All the children were meeting at the library for a special day. It was International Literacy Day and people all over the world were going to read and write and listen to stories on the same day.

Neo was so excited. His favourite author, Joan Rankin, was coming to the library to read from the books she had written, and his dad had promised to take him to see her. Neo had written a special book about her, and he couldn't wait to give it to her.

But when Neo got up on Tuesday morning, there was a funny noise coming from the kitchen. He went to look. The washing machine was making a terrible rattling, coughing noise as if it was going to explode.



Neo's dad came to see. "Oh no!" he said. "The pump must be broken. It's going to cost so much to get it fixed. We might have to buy a whole new washing machine."

"We can't afford a new washing machine," Neo's mom said. "Please, can't you fix it? I have to go to work, and there's so much dirty washing."

Dad hated seeing Neo's mom so upset so he said, "I'll fix it. Neo will help me. I'll find a website that shows me how to mend broken washing machines."

"But, Dad, you promised to take me to the library," said Neo.

"That will have to wait, Neo. The washing machine is more important. Maybe Gogo can take you," said Dad.

"I'm going out today," said Gogo, shaking her head. "I'm sorry, Neo. You'll have to go next week."

Neo was very upset. "But, Dad, you promised me you would take me to the library," he said. "We have to go soon."

Dad fetched his toolbox and googled, "How to fix a washing machine pump" on his cellphone.

"Here you go," he said to Neo, showing him the page. "This doesn't look too difficult." And with that, he pulled the washing machine out and turned it around so he could take off the back.

But fixing the machine was more difficult than it looked.

"There's a drawing here," Dad grumbled, looking at his phone. "But it's so small, I can't see what goes where."



Then Dad dropped one of the screws and it rolled under the fridge, so he had to pull the fridge out to get the screw. Neo looked at the clock. It was half past nine. Only half an hour until Joan Rankin arrived at the library.

"Please, Dad," he said, hopping from one leg to the other. "Please, hurry so we can go to the library. We have to go now."

"I'm busy here and you are not helping, Neo!" Dad looked cross.

Neo was upset. His father had promised to take him, but now everything was going wrong.

"NO, NO, NO," yelled Dad. "I don't believe it!"

"What?" Neo asked in a small voice.

"Now my phone's battery is flat!" Dad shouted. "Please fetch me the charger."

But at that very moment the power went out.

"Oh no," said Neo. "Now the electricity is off."

Dad seemed very angry. "This is the worst Tuesday ever. I'm halfway through fixing the machine and now I can't read about what to do next."

Neo nodded. "Yes, it is the worst Tuesday ever. You can't fix the machine, and I'm missing Joan Rankin," but he didn't say any more because he could see that Dad was very upset. Neo slumped down at the kitchen table and hid his head in his arms.

Dad packed away his tools. "There's not much we can do now," he said.

Neo lifted his head a little bit. The clock said ten to ten. They could still make it to the library – they'd be late, but he'd still see Joan Rankin and he could still give her his present. He turned the pages of the little book he'd made. He'd written the story and drawn the pictures, and Gogo had helped him put it together and make a cover. Dad was calming down. He picked up Neo's book. "What's this, Neo?" he asked.

*Continued on page 15.*



## Kufuneka sihambe ngoku!

Libali likaHelen Brain ■ Imifanekiso izotywe nguRico  
■ Liguqulelwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile



Kwakungolwesibini kwaye kwakungekho sikolo. Bonke abantwana babeza kuhlalanga kwithala leencwadi kuba yayilusuku olukhethekileyo. Yayilusuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe kwaye abantu kulo lonke ihlabathi babeza kufunda, babhale baze baphulaphule amabali, konke nje ngosuku olunye.

UNeo wayechulumance kakhulu. Oyena mbhali amthandayo, uJoan Rankin, wayesiza kwelo thala leencwadi esiza kufunda izicatshulwana zeencwadi azibhalileyo, kwaye utata wakhe wayemthembisile ukuba uza kumsa, aye kumbona. UNeo wayebhale incwadi ekhethekileyo malunga naye, kwaye wayengasakwazi ukulinda phambi kokuba ayinikezele kuye le ncwadi.

Kodwa akuvuka ngentsasa yangolwesibini uNeo, kwakuvakala ingxolo engaqhelekanga iphuma ekhithshini. Waya kukroba. Umatshini wokuhlamba impahla wawusenza ingxolo embi kakhulu, unesandi sokukhexezela ngathi uza kugqabhuka.



Utata kaNeo waza kujonga naye. "Iyo!" watsho. "Impopo inokuba yophukile. Kuza kuxabisa imali eninzi kakhulu ukuyilungisa. Mhlawumbi kuza kufuneka sithenge umatshini omtsha."

"Asinayo nje imali yokuthenga umatshini omtsha," watsho umama kaNeo. "Khawuncede wethu, awunakusilungiselela kwalo? Kufuneka ndiye emsebenzini, kwaye ininzi kakhulu impahla emdaka."

Utata wayengakuthandi ukubona umama kaNeo ekhathazeke kakhulu ngoko ke wathi, "Ndiza kuyilungisa. UNeo uza kundincedisa. Ndiza kukhangela iwebhusayithi ebonisa indlela yokulungisa oomatshini bokuhlamba impahla abophukileyo."

"Kodwa Tata, ubundithembise ukuba uza kundisa kwithala leencwadi," watsho uNeo.

"Okokuba kufuneka kulinde, Neo. Umatshini wokuhlamba impahla ubaluleke ngaphezulu. Mhlawumbi uGogo angakusa," watsho uTata.

"Ndisaphuma namhlanje," watsho uGogo, ehlunguzela intloko. "Uxolo, Neo. Kwakufuneka uye kwiveki ezayo."


UNeo wayekhathazeke kakhulu. "Kodwa, Tata, ubundithembise ukuba uza kundisa kwithala leencwadi," watsho. "Kufuneka sihambe kwakamsinyane."

UTata walanda ibhokisi yakhe yezixhobo zokusebenza waza wakhangelela ku-google, "Indlela yokulungisa impompo yomatshini wokuhlamba impahla" kwiselula yakhe.

"Nantso ke," watsho kuNeo, embonisa elo khasi. "Oku akukhangeleki kunzima kakhulu." Watsho sele ewutsala umatshini wokuhlamba impahla, wawugquqa ukuze akwazi ukukhupha umva wawo.

Kodwa ukulungisa umatshini wokuhlamba kwakunzima ngaphezulu kunokuba kwakukhangeleka njalo.

"Kukho umfanekiso apha," wambombozela uTata, ejonge iselula yakhe. "Kodwa mncinane kakhulu, andiboni ukuba yintoni engena phi na."



Nanko uTata ewisa esinye sezikrifu saze saqengqeleka, satshona ngaphantsi kwesikhenkcezi, ngoko ke kwafuneka atsale isikhenkcezi ukuze asifumane isikrifu. UNeo wajonga ixesha. Yayicala emva kwentsimbi yethoba. Kwakusele isisiqingatha nje seyure phambi kokuba uJoan Rankin afike kwithala leencwadi.

"Nceda, Tata," watsho, etsiba ngomlenze omnye aze abuye atsibe ngomnye. "Nceda, khawulezisa ukuze sihambe siye kwithala leencwadi. Kufuneka sihambe ngoku."

"Ndixakekile apha kwaye akundincedisi, Neo!" UTata wakhangeleka equmbile.

UNeo wayekhathazeke. UTata wakhe wayemthembise ukuba uza kumsa, kodwa ngoku yonke into yayingahambi ngendlela efanelekileyo.

"HAYI, HAYI, HAYI," wakhwaza uTata. "Andiyikholelwa ke le!"

"Yintoni?" UNeo wabuza ngelizwi elincinane.

"Ngoku ndehlelwe yibhetri yeselula yam!" wakhwaza uTata. "Nceda undiphathele itshaja."

Kuthe kanye ngaloo mzuzu wemka umbane.

"Owu hayi bo," watsho uNeo. "Ngoku nombane umkile."

Utata wakhangeleka enomsindo kakhulu. "Lo ngoyena lwesibini wakhe wambi. Ndiphakathi kanye ekulungiseni lo matshini kodwa ngoku andikwazi kufunda ukuba ndenze ntoni na elandelayo."

UNeo wanqwala. "Ewe, lo ngoyena lwesibini wakhe wambi. Awukwazi ukulungisa umatshini, kwaye nam ndiza kuphoswa nguJoan Rankin," kodwa zange aqhubeke kuba wayembona uTata ukuba ukhathazeke kakhulu. UNeo wahlala etafileni yasekhithshini waqubuda efihla intloko yakhe ngeengalo zakhe.

Utata waqoshelisa izixhobo zakhe. "Akukho nto ingako esinokuyenza ngoku," watsho.

UNeo waphakamisa kancinane intloko yakhe. Iwotshi yayisithi ilishumi imizuzu phambi kwentsimbi yeshumi. Babesenakho ukuya kufika kwithala leencwadi – babeza kufika emva kwexesha, kodwa wayeza kumbona uJoan Rankin kwaye wayesenakho ukumnika isipho sakhe. Watyhila amaphepha encwadana ayenzileyo. Wayebhale ibali wazoba nemifanekiso, kwaye uGogo wayemncedise ekuyidibaniseni nasekuyenzeleni iqweqwe. Umsindo nokukhathazeka kukaTata kwakudamba. Waphakamisa incwadi kaNeo. "Yintoni le, Neo?" wabuza watsho.

Lisaqhubeka nakwiphepha le-15.

From page 13.

"My book," Neo said in a tiny voice. "I was going to give it to my favourite author at the ..." He didn't finish the sentence.

"Come on," called Dad, grabbing his car keys. "We have to go NOW! We can still get to the library in time if we hurry."

Joan Rankin had begun to read her story to the children when Neo and Dad hurried into the library. Neo found a seat at the back and settled down to listen. Her story was wonderful, and so were her pictures. Neo hoped he'd be able to draw like that one day.

And the best of all? When she'd finished and Neo showed her his book, she thought it was wonderful.

"Did you really write this story all by yourself?" she asked him.

"Yes," said Neo. "And I drew the pictures too. It's a present for you, Ma'am."

Then Joan Rankin opened her bag and took out one of her books. Inside she wrote, "For Neo, who makes beautiful books", and she signed her name in big letters and gave it to him.

Neo was so happy. He held the book so tightly he never wanted to let it go.



Just then Dad came over. "You won't believe it," he said. "I found a book on how to fix washing machines, and look – the drawings are big and clear. Why didn't you tell me the library had books like this, Neo?"

Dad gave Neo a hug. "Books are awesome. Their batteries never run flat, and you can even read them when the electricity goes off."

Neo smiled a happy smile and nodded. That was true. You can read a book anywhere and anytime.



Liqhubeka lisuka kwiphepha le-14.

"Yincwadi yam," uNeo waphendula ngelizwi elincinane. "Bendiza kuyinika oyena mbhali ndimthandayo kwi ..." Zange asigqibe eso sivakalisi.

"Yiza khawuleza," wakhwaza uTata, esithi hlasi izitshixo zakhe zemoto. "Kufuneka sihambe NGOKU! Singafika ngexesha kwithala leencwadi ukuba siyakhawuleza."

Xa uNeo noTata wakhe bangena kwithala leencwadi bengxamise, uJoan Rankin wayesele eqalile ukufundela abantwana ibali lakhe. UNeo wafumana isitulo ngasemva waze wahlala phantsi waphulaphula. Ibali lakhe lalimnandi kakhulu, ngokunjalo nemifanekiso yakhe yayimihle. UNeo wayenethemba lokuba ngenye imini naye uya kuzoba njengaye.

Eyona nto yaba mnandi yintoni kanene? Wathi akugqiba uJoan Rankin, waze uNeo wambonisa incwadi yakhe, nawacinga ukuba iyamangalisa uJoan Rankin.

"Ingaba eli bali ngokwenene uzibhalele ngokwakho uwedwa?" wambuza.

"Ewe," watsho uNeo. "Nemifanekiso ndiyizobe ngokwam. Sisipho sakho, Mama."

UJoan Rankin wavula ibhegi yakhe waze wakhupha enye yeencwadi zakhe. Ngaphakathi kuyo wabhala, "YekaNeo, owenza iincwadi ezintle", waze wasayina igama lakhe ngoonobumba abakhulu, warnika yona.

UNeo wayevuya kakhulu. Wayibamba nkqi loo ncwadi, engafuni nokuyibeka phantsi.



Kanye ngelo xesha wathi gqi uTata. "Awusoze ukukholelwe ke oku," watsho.

"Ndifumene incwadi efundisa ngendlela yokulungisa oomatshini bokuhlamba impahla, kwaye jonga – imifanekiso mikhulu kwaye icacile. Kutheni ungandixelanga nje ukuba kwithala leencwadi kukho iincwadi ezifana nale, Neo?"

UTata wamanga uNeo. "Iincwadi ziyamangalisa. Aziphelelwa ziibhetri zona, kwaye ungakwazi ukuzifunda nokuba umbane umkile."

UNeo watsho ngoncumo lonwabo waza wanqwala. Oko kwakuyinyaniso. Incwadi ungayifunda nokuba kuphi na nokuba kunini na.



# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



**1.** Can you match the top and bottom part of these Nal'ibali characters?  
Ungakwazi ukutshatisa umntla nomzantsi waba balinganiswa bakwaNal'ibali?

<b>A</b> 	<b>B</b> 	<b>C</b> 	<b>D</b> 	<b>E</b> 	<b>F</b> 	<b>G</b> 	<b>H</b> 
<b>1</b> 	<b>2</b> 	<b>3</b> 	<b>4</b> 	<b>5</b> 	<b>6</b> 	<b>7</b> 	<b>8</b> 

**2.** Can you correctly match each of the characters in (1) with their names?  
Ungakwazi ukutshatisa ngokuchanekileyo umlinganiswa ngamnye ku-(1) namagama abo?

- |              |              |                |
|--------------|--------------|----------------|
| Mbali/UMbali | Josh/UJosh   | Hope/UHope     |
| Gogo/UGogo   | Priya/UPriya |                |
| Bella/UBella | Neo/UNeo     | Afrika/UAfrika |



- A: \_\_\_\_\_  
B: \_\_\_\_\_  
C: \_\_\_\_\_  
D: \_\_\_\_\_  
E: \_\_\_\_\_  
F: \_\_\_\_\_  
G: \_\_\_\_\_  
H: \_\_\_\_\_

**3.** How well do you know the Nal'ibali characters on this page?

**Clue:** Use the information in "Collect the Nal'ibali characters" in Supplements 156, 157 and 158 to help you.

- What are the names of Gogo's grandchildren? \_\_\_\_\_
- What kind of pet does Bella have? \_\_\_\_\_
- What is her pet's name? \_\_\_\_\_
- Which of these children is Neo's cousin? \_\_\_\_\_
- Which character likes stories about pirates? \_\_\_\_\_
- Which character likes stories about queens? \_\_\_\_\_

**Ubazi kakuhle kangakanani abalinganiswa bakwaNal'ibali kweli phepha?**

**Isitshixo:** Sebenzisa iinkcukacha ezilapha "Qokelela abalinganiswa bakwaNal'ibali" kula mahlelo ele-156, ele-157 nele-158 ukuze uncedakale.

- Ngoobani amagama abazukulwana bakaGogo? \_\_\_\_\_
- UBella unesiloqabane soluphi uhlobo? \_\_\_\_\_
- Ngubani igama lesiloqabane sakhe? \_\_\_\_\_
- Ngowuphi kwaba bantwana ongumzala kaNeo? \_\_\_\_\_
- Ngowuphi umlinganiswa othanda amabali malunga nabaphangi? \_\_\_\_\_
- Ngowuphi umlinganiswa othanda amabali malunga nookumkanikazi? \_\_\_\_\_

**Impendulo:** 1. A-5, B-8, C-2, D-7, E-3, F-4, G-1, H-6 2. A-UNeo, B-UFrika, C-UGogo, D-UHope, E-UBella, F-UJosh, G-UMbali, H-UPriya 3. a. ngunNeo, b. yinja, c. ngunNoodle, d. nguAfrika, e. ngunNeo, f. ngubella  
**Answers:** 1. A-5, B-8, C-2, D-7, E-3, F-4, G-1, H-6 2. A-Neo, B-Afrika, C-Gogo, D-Hope, E-Bella, F-Josh, G-Mbali, H-Priya 3. a. Neo, Mbali, b. dog, c. Noodle, d. Afrika, e. Neo, f. Bella

Nal'ibali is here to motivate and support you. **Contact us** by calling our call centre on **02 11 80 40 80**, or in any of these ways:  
AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Nxibelelana nathi** ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-**02 11 80 40 80**, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

- [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)
[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)
[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

**S**owetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

